

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA I
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER I

Ixesha: 2½ liyure

Amanqaku: 100

QAPHELA

1. Eli phepha linamaCANDELO amane.
ICANDELO A: Izicatshulwa (30)
ICANDELO B: Ushwankathelo (10)
ICANDELO C: Imibongo (30)
ICANDELO D: Ukusetyenziswa kolwimi (30)
 2. Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.
 3. Funda ngenyameko uze uphendule imibuzo ngokwemiyalelo yayo.
 4. Umthamo wempendulo mawukhokelwe ngamanqaku.
 5. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
 6. KwiCandelo C **unyanzelekile** ukuba uwuphendule **Umbuzo 3.1**, umbongo ongamiselwanga.
 7. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
 8. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
-

ICANDELO A IZICATSHULWA

UMBUZO 1

Funda ngenyameko ezi zicatshulwa zingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

1.1

IMFUNDO IBALULEKILE



- 1 UClive Swaartbooï wayehlala kwilokishi yaseDuncan eMonti kunye nosapho lwakhe. Ibilusapho oluhluphekileyo kuba abazali bakaClive bebengafundanga. Abazali bakaClive babhubha, babekhuliswa ngumakhulu wabo. Umakhulu ebephila ngemali esisibonelelo sikaRhulumente, igranti.
- 2 Imeko kweli khaya yayilusizi kakhulu. KuloClive babehlala kwindlu elityotyombe eyakhiwe ngamazinki amadala. Eli tyotyombe belinamagumbi amabini amancinane kakhulu. Umbane babengenawo kuloClive babelayita amakhandlela besebenzisa iinkuni ukuze bapheke. Ikhaya likaClive lalijikelezwe yimizi emihle enombane.
- 3 Abantu abaninzi babengalindelanga ukuba eli khaya lingaphumelela kuba ilikhaya elihluphekayo. Waye wanethamsanqa kuba kwavela ititshalakazi eyamncedisa ekubhaleni ileta yokucela ibhasari. UClive wayifumana ibhasari. Waya eYunivesithi apho waye wenza izifundo zokuba ligqwetha. Waphumelela ubugqwetha waze wasebenza.
- 4 UClive wayiphucula imeko yakokwabo, waye wakha indlu enkulu enamagumbi amahlanu. Umzi wabiywa ngodonga olwakhiwe ngezitena. Wathenga imoto uClive, umakhulu wakhe wayeka ukuya edolophini ngeenyawo. Abamelwane baqala ngoku ukumana ukuza kufuna uncendo kuClive xa befuna ukuthethelelwa kumatyala abo. Yavaleka imilomo kwabo babehlekisa ngekhaya likaClive. Ncekelela ufunde neyakho imeko ingaphucuka ibe ngcono uphile ubomi obumnandi!

[Sithathwe kwincwadi uMasikhanyise, ibanga le-12 iphepha lama-75 saze salungiselelwa u-FAL ngabakwa-IEB]

Iglosari

oluhluphekileyo	olusokolayo
babhubha	basweleka
ubugqwetha	ezomthetho
phucula	yenza ngcono/ bhetele
valeka imilomo	thula
ncekelela	nyamezela

1.1.1 Funda umhlathi woku-1.

- (a) Usapho lwakulo Clive ibilusapho olunjani? (1)
- (b) Olu sapho beluyifumana phi imali yokuphila? (1)
- (c) Babekhuliswa ngubani ooClive? (1)

1.1.2 Funda umhlathi wesi-2.

- (a) Yayinjani imeko yakuloClive? (1)
- (b) Usapho lwakuloClive lwaluhlala kwindlu enjani? (1)

1.1.3 Funda umhlathi wesi-3.

- (a) Abantu abaninzi babengalindelanga ukuba eli khaya lingaphumelela kuba:

Khetha impendulo kwezi:

- (i) Yayilikhaya elihlazekileyo.
- (ii) Yayilikhaya elihluphekileyo.
- (iii) Yayilikhaya elingafundanga. (1)

- (b) UClive wayifumana phi imali yokufunda eYunivesithi? (1)
- (c) Waphumelela izifundo zantoni uClive? (1)

1.1.4 Funda umhlathi wesi-4.

- (a) Bhala izinto zibe mbini awazenzayo uClive ukuphucula imeko yakokwabo. (2)
- (b) Bhala umyalezo ovela kumbhali weli nqaku. (2)

[12]

1.2

<i>(USteve uhleli noDavid bayancokola egumbini labo lokuphumla.)</i>	
USteve	David mfondini, yima usathetha njalo ngokugula kukaTyasi, uyayazi ukuba senze impazamo?
UDavid	<i>(Esothuka.)</i> Impazamo yantoni ngoku?
USteve	Kutheni mfondini unike uTyasi iipilisi ezimbini endaweni yokumnika ibe nye? Kaloku bekufanele ukuba asele ibe nye kuphela kabini ngemini.
UDavid	Mna kaloku Steve ndiye ndayilibala yonke loo nto kuba bendinomsindo ndicaphuka.
USteve	Ngoku andazi kuzakwenzeka ntoni kuTyasi lo. Kufuneka ukuba wazi into yokuba xa efile ubulewe nguwe <i>dude</i> .
UDavid	<i>(Esothuka uDavid.)</i> Ngoku Steve uTyasi lo uthetha ukuba angafa onzakaliswe zezi pilisi ndimnike zona?
USteve	Andazi, kodwa ndicinga njalo.
UThemba	<i>(Kuthe besathetha kwafika uThemba.)</i> Ninjani kodwa <i>guys</i> ngempilo?
Bobabini	Siphilile mfondini Themba, ngaphandle nje kukaTyasi ogulayo. Nangoku nanko elele phaya kwela gumbi lakhe.
UThemba	Awu! Madoda. Ugula yintoni uTyasi lo?
USteve	Unengqele, loo nto uthi kubuhlungu umzimba wonke.
UDavid	Nangoku sithethayo usezintlungwini uTyasi ...
UThemba	Nimnike ntoni na bethuna ngaphandle kokumsizelela oku?
UDavid	Simnike iipilisi ezimbini Themba. Ngoku wena ufika sisathetha ngezi pilisi zimbini simnike zona.
UThemba	Nithetha ngazo nithi zitheni?
USteve	Sinexhala ubona nje, kwaye sothukile ukuba azizi kumbulala na ezi pilisi? Siyakhumbula ngoku ukuba kuthiwe masimnike iipilisi ibenye kabini ngemini. Ngoku uDavid umnike zambini, owu Bawo!
UThemba	<i>(Ehleka.)</i> Koowu! Ningamagwala bafondini.
USteve	Awu mfondini, kutheni usuke uhleke? Sisengxakini mfondini, siza kuyithini le nto?
UThemba	Ndihlekiswa yile ndlela enothuke ngayo. Ezi ziipilisi zeentlungu noko aziyongxaki. Uza kutsho aphile ngokukhawuleza.

[Sithathwe kwincwadi *Umtshato Wesiqhwala*, iphepha lama-36 saze salungiselelwa u-FAL ngabakwa-IEB]

1.2.1 Nika igama lalo mntu ugulayo. (1)

1.2.2 Chaza impazamo eyenziwe nguDavid. (1)

1.2.3 Lo mntu kuthethwa ngaye apha ugula yintoni?

Khetha impendulo kwezi:

- (i) Unentloko nesiyezi.
- (ii) Unengqele kubuhlungu umzimba wonke.
- (iii) Unesifuba esibuhlungu akakwazi nokuphefumla. (2)

1.2.4 Ingaba kulungile ukunika umntu iipilisi ngaphezu komlinganiselo?
Xhasa impendulo yakho ngokunika uluvo lwakho. (2)

1.2.5 Uhlekiswa yintoni uThemba? (1)

1.2.6 Nika uluvo lukaThemba ngale mpazamo yenziwe ngooSteve. (1)

[8]

1.3

ABAHLOBO



- 1 Abahlobo benene banendima ebaluleke kakhulu ebomini bam. Abahlobo bam ndidlala kunye nabo. Ndabakhetha abahlobo bam kuba kukho izinto ezifanayo esizithandayo. Izinto esithanda ukuncokola ngazo zizinto ezifana nemidlalo kunye nezifundo zethu. Abahlobo bam bayakuthanda ukufunda nokwenza uphando ngezinto ezithile. Ngamanye amaxesha siye sixoxe siphikisane ngezePolitiki.
- 2 Ndiyazi ukuba nokuba ndikhubazekile usapho lwam luyandithanda kwaye nam ndiluxabisile ebomini nasempilweni yalo. Ndiyakuva ukuba uyabuza ukuba ndiqinisekiswa yintoni ukuba usapho lwam lundixabisile. Ndiqinisekile kakhulu kuba xa kukho ukhuphiswano lwemidlalo yabakhubazekileyo, usapho lwam luye lundikhuthaze ukuba ndilungenele ukhuphiswano olo. Xa ndithe andaphumelela, abazali bam baye bathethe amazwi okundikhuthaza besithi ndingalahli ithemba.
- 3 Thina bantu bakhubazekileyo asikuthandi ukucingelwa kakhulu. Asikuthandi ukuphathwa ngohlobo olwahlukileyo kwabanye abantu. Ewe, sicingeleni kodwa

	ningagqithisi, yekani ukusenzela izinto kude kucace ukuba thina asinakuphatha nto. Mandiyicacise into yokuba masicingelwe ngokufanelekileyo njengoko nathi sibacingela abangakhubazekanga.
4	Ukubonisa oku ndikuthethayo, kwathi ngenye imini sidlala nabahlobo bam kwavelainja. Le nja yeza kuthi ikhonkotha, baye bothuka abahlobo bam babaleka. Ndathi xa ndicinga ukubaleka, ndathi makhe ndijonge ngemva. Tyhini bethu, nanku uSipho eleqwa yinja kwaye kucaca ukuba sele imfumene. Yaye yamluma apha emlenzeni.
5	Ndaye ndayigxotha loo nja ngoku ndihleli kwisitulo endihamba ngaso yabaleka yagoduka. Kufuneka sincede abantu bonke singancedi abantu esibaziyo kuphela. Xa sisenza kanjalo siya kuba ngabahlobo bokwenene.

[Sithathwe kwincwadi u*Vimba*, ibanga le-10 iphepha lama-45 saza salungiselelwa u-FAL ngabakwa-IEB]

1.3.1 Funda umhlathi woku-1.

- (a) Yintoni eyabangela ukuba umbhali weli nqaku akhethe abahlobo anabo? (1)
- (b) Umbhali uthi bathanda ukuncokola ngantoni? Nika impendulo ibe nye. (1)
- (c) Ngamanye amaxesha umbhali nabahlobo bakhe baxoxa baphikisane ngantoni? (1)

1.3.2 Funda umhlathi wesi-2.

- (a) Caphula igama elibonisa ukuba umbhali weli nqaku akakwazi ukuzihambela ngokwakhe. (1)
- (b) Kutheni umbhali eqinisekile nje ukuba usapho lwakhe lumxabisile? (1)
- (c) Abazali baye bamkhuthaze ngamazwi athini umbhali xa ethe akaluphumelela ukhuphiswano? (1)

1.3.3 Funda umhlathi wesi-3.

- (a) Umbhali uthi yintoni abangayithandiyo abantu abakhubazekileyo? (1)
- (b) Uthi umbhali mabacingelwe njani abantu abakhubazekileyo? (1)

1.3.4 Funda umhlathi wesi-4.

Inja yamluma phi uSipho? (1)

1.3.5 Funda umhlathi wesi-5.

Uthini umyalezo wombhali weli nqaku? (1)

[10]

30 amanqaku

ICANDELO B USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa singezantsi uze usishwankathele ngawakho amazwi.

QAPHELA:

- Bhala amagama angama-50 ukuya kwangama-60 ukubonisa ukuqonda.
- Bhala iingongoma ibe NYE kwisivakalisi ngasinye.
- Ungabhala izivakalisi **ezihlanu ezinomthamo OKANYE** umhlathana.
- Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo ezantsi kwesishwankathelo.

IKAMVA LAKHO LISEZANDLENI ZAKHO

Obona bunzima bujongene nabafundi abaphumelele ibanga lematriki kule mihla kukunqaba kwemisebenzi. Oku kwenza ukuba bahlale begcakamele ilanga imini yonke. Bayalibala ukuba le ngxaki bajongene nayo inaso isisombululo – kukuba ngusomashishini. Mhlawumbi umbuzo anganawo umntwana ngumbuzo othi, 'Ndinganako nam ukuba ngusomashishini?' Ipendulo yalo mbuzo ngu-ewe.

Xa ucinga ukuvula ishishini kufuneka usebenzise ingqondo ngalo lonke ixesha. Ishishini eliphumelela kakuhle lelicingisiswe kakuhle. Akuncedi nto ukulinganisa abanye abantu kushishino. Ishishini lakho, okanye inkonzo obabonelela ngayo abantu, kufuneka yahluke okanye ibe ngcono kunaleyo sele ikho. Kufuneka ujonge ukuba abantu bafuna ntoni na, zeziphi na iinkonzo abazidingayo abangazifumaniyo kwamanye amashishini alapha ekuhlaleni.

Khumbula ukuba nguwe ekufuneka uphuhlise ishishini lakho. Kambe ke ungawafumana namanye amacebo kwabanye oosomashishini, kumaphephandaba, kwiimagazini nakumajelo osasazo. Into ekufuneka uyenze yile – thetha, bukela, mamela uze ufunde.

Kubalulekile ukuba ube nemali yokuqala ishishini lakho. Kaloku imali ifana nqwa ne-oyile yokwenza iintsimbi zeshishini zishukume. Uninzi lwabantu ke le mali yokuqala ishishini luyifumana ngokwenza imali-mboleko kwiibhanki nakwamanye amaziko afana nee *Small Enterprise Development Agencies*, *Msobomvu Youth Fund*, njalo-njalo. La maziko awaneli nje ukubonelela uluntu ngemali-mboleko, koko ayazinika neengcebiso kunye noqeqesho kwezoshishino.

Qaphela ke ukuba xa ufuna ishishini lakho likhule lithande wena kuqala ulikhuthalele. Qinisekisa ukuba liyafunwa luluntu, yaye abantu bazimisele ukuhlawulela iinkonzo abazifumanayo. Xa ufuna ukuziqalela ishishini cinga ngolu hlobo, ingaba ufuna ishishini lokulungisa iinwele, elokuthunga iimpahla, okanye elokupheka? Cingisisa ke, uqiniseke ngelona khondo unqwenela ukulilandela kwezoshishino ukuze iinjongo zakho ziphumelele. Unako ukwenza umahluko empilweni yakho. Unako ukwenza ubomi bakho bube yimpumelelo. Zenzele, mhlawumbi ungasisityebi esaziwa kulo lonke ilizwe ngenye imini.

[Sithathwe kwincwadi *uKhanyo*, ibanga le-10 iphepha le-18 saza salungiselelwa u- FAL ngabakwa-IEB]

Iglosari

ukubonelela	ukunceda
uluntu	abantu

10 amanqaku

ICANDELO C IMIBONGO

Phendula yonke imibuzo esetwe kwimibongo.

UMBUZO 3

3.1 UMBONGO ONGAFUNDISWANGA

Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

HAYI UBUHLE – Beauty Mzazi

- 1 Hayi ubuhle nokubukeka,
Kothando phantsi kwelanga.
Ukuphathisana nokubambisana
Kwabantu bemxhelo mnye.
Ngazwi linye bemoya mnye.
- 2 Obu buhle buyafuneka,
Kwiinkonzo ngeenkonzo.
Kwiityalike ngeetyalike
Kumarhamente ngamarhamente.
Kubefundisi beemvaba ngeemvaba.
- 3 Obu buhle buyanqweneleka,
Olu thando luyadingeka.
Kwimibutho yoluntu jikelele
Eyabahlali neyabemi;
Eyolutsha kanti neyabadala,
Masithethisane singxolisane.
- 4 Obu buhle siyabubona,
Sibubona kwiintaka zezulu,
Zona zakha ngeentsiba zezinye.
Obu buhle siyabubona,
Ewe sibubona kwizilwanyana.
Masingohlulwa nazizinja, zona zikhothana amanxeba.

Iglosari:

ngazwi linye bemxhelo mnye	bevana/ bevisisana
kwiityalike	kwiicawa
kumarhamente	kumalungu enkonzo/ ecawe
iimvaba	iinkonzo
zikhothana amanxeba	zithuthuzelana

3.1.1 Funda isitanza soku-1.

- (a) Kukubukeka kobuhle kwantoni oku umbhali athetha ngabo? (1)
- (b) Bhala izinto zibe mbini athi umbhali ziyabukeka ebantwini. (2)

3.1.2 Funda isitanza sezi-2.

Chaza iindawo zibe mbini apho kufumaneka khona obu buhle. (2)

3.1.3 Funda isitanza sesi-3.

(a) Caphula amagama abe mabini athetha into enye neli gama, 'ukufuneka'. (2)

(b) Umbhali uthi masenze ntoni kumqolo wokugqibela kwesi sitanza? (1)

3.1.4 Funda isitanza sesi-4.

Umbhali uthi iintaka zezulu zenza ntoni ukubonakalisa obu buhle? Khetha impendulo kwezi:

- (i) Zitya uboya bezinye iintaka.
- (ii) Zakha ngeentsiba zezinye.
- (iii) Zikhothana amanxeba.

(2)
[10]

IMIBONGO EFUNDISIWEYO

3.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UYINTONI NA UMNTU? – M. M. M. Duka

- 1 Uyintoni na umntu uqobo xa engengomoya?
Wafaka ntoni na, uMdali, kwidongwe elalingenabomi?
Akafakanga Moya wakhe na, onamandl' okudala ubomi?
Akamcuntsulela na, ke ngoko umntu loo mandla?
- 2 Ukususela ekudalweni, umntu inqobo waba ngumoya,
Onamandla okudala, yosuleleka nengqondo,
Yaxonkx' iingcamango, izimvo yazizitena,
Zokwakha ilizwe, esilibonayo nelifihlakeleyo.
- 3 Ma-Afrika Amahle, ninenyhweba enkulu
Yokucatshulelwa nguMdali, amandl' okudala.
Bhubhisani ukuzidela, niphuthume ukuzithemba
Akhululeke loo mandla, nibumbe ilizwe elitsha!
I-Afrika ehlaziweyo, i-Afrika ezibonelelayo,
I-Afrika ephilileyo, i-Afrika eziphuhlisayo.

3.2.1 Nika udidi/ uhlobo lwalo mbongo. (1)

3.2.2 Funda isitanza soku-1.

(a) Nika **isixhobo sokubonga** esisetyenziswe yimbongi kwesi sitanza sonke. (1)

(b) UMdali wafaka ntoni kwidongwe elalingenabomi? (1)

(c) Caphula igama elithetha into enye neli, 'wabelana'. (1)

3.2.3 Funda isitanza sesi-2.

(a) Imbongi ithi umntu lo ungumoya onamandla okwenza ntoni? (1)

(b) Shwankathela ngawakho amazwi okuthethwa yimbongi kwesi sitanza. (2)

3.2.4 Funda isitanza sesi-3.

(a) Bhala eli binzana ngawakho amazwi, 'ninenyhweba enkulu'. (1)

(b) Beka ngawakho amazwi lo mqolo/ mgca:
'Bhubhisani ukuzidela, niphuthume ukuzithemba.' (2)

[10]

3.3 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

INCWADI – I. K. Nqonqoza

- 1 Yintoni na incwadi?
Licekeceke lidelekile,
Liyinzala yomthi.
Ngobuchwephesha kwazalw' iphepha,
Phepha elo libumb' incwadi,
Ncwad' esisiseko sobomi bomntu.
- 2 Iyathandwa ngabanye, ithiyiwe ngabanye.
Iluncedo kwabanye, isisibophelelo kwabanye.
Abanye bancom' abavele nale ntlantsi,
Abanye bazond' abavele nale mbophelelo.
- 3 Niqulethe lukhulu maphephandini,
Nizale iindwalutho zezwe lethu,
Nixonxe izidwangube zezwe lakuthi,
Niqulathe iimbunguzulu zezwe lethu.
- 4 Sikothulel'umnqwazi maz'enethole,
Siyakuhalalelisa gorha lakudala.
Sithi tshotsh'ubekho wen'umbal'umhlophe,
Sithi tyaph' uhombise machaphaz'amnyama.
- 5 Ncwadi wen'umkhulu
Likhul'igalelo lakho kuNtu.
Ungekh'ilizwe lingafa,
Ungekh'isizwe songcwatywa
Kuphele kuthi tu pam ngaso.
Yintoni na incwadi?

3.3.1 Funda isitanza soku-1.

- (a) Nika **isixhobo sokubonga** esisetyenziswe yimbongi kumgca/ kumqolo wokuqala. (1)
- (b) Imbongi ithi iphepha lenziwe ngantoni? (1)
- (c) Ibaluleke njani incwadi emntwini? (1)

3.3.2 Funda isitanza sesi-2.

- (a) Nika **isixhobo sokubonga** esisetyenziswe ngumbhali kwimiqolo/ kwimigca emibini yokuqala kwesi sitanza. (1)
- (b) Cacisa, ubeke ngawakho amazwi okuthethwa yimbongi kumqolo wesithathu nowesine. (2)

3.3.3 Funda isitanza sesi-3.

Nika amagama athetha into enye nala:

- (a) niphethe (1)
- (b) izikhulu (1)

3.3.4 Funda isitanza sesi-4.

Lithetha ukuthini eli binzana, "Sikothulel' umnqwazi"?

Khetha impendulo kwezi:

- (i) Siyakudinga
- (ii) Siyakukhahlela
- (iii) Siyakukhumbula (1)

3.3.5 Funda isitanza sesi-5.

Imbongi ithi ukuba incwadi ingangabikho kungenzeka ntoni kwisizwe? (1)
[10]

30 amanqaku

ICANDELO D UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 4

Gqibezela le tshati njengoko ubonisiwe:

Inja	Yona	yinja	enkulu
Umzi	4.1	ngumzi	omkhulu
Usana	Lona	4.2	olukhulu
linkuni	Zona	ziinkuni	4.3

[3]

UMBUZO 5

Bhala kwakhona ezi zivakalisi **kwisilanduli**.

5.1 Hlala phantsi!

5.2 Nguwe lo wenze le mpazamo.

5.3 Simnike iipilisi ezintathu.

[3]

UMBUZO 6

Bhala kwakhona ezi zivakalisi uze ufakele **izivumelanisi** ezifanelekileyo.

Umzekelo: Usisi ... hle.

Ipendulo: Usisi mhle.

6.1 Iitafile ... thathu.

6.2 Isikere ... buthuntu.

6.3 Ihashe ... futshane.

[3]

UMBUZO 7

Bhala kwakhona esi sivakalisi singezantsi kula maxesha alandelayo:

Ndiyahlawula.

7.1 Kwixesha elidlulileyo.

7.2 Kwixesha eladlulayo.

7.3 Kwixesha ebelidlula.

[3]

UMBUZO 8

Bhala kwakhona ezi zivakalisi zibe **kwisixando sokwenziwa/ kwisenziwa**.

8.1 Nditshintshe imithetho.

8.2 Ootata bakha izindlu.

8.3 Usisi uphekela abantwana. **[3]**

UMBUZO 9

Bhala kwakhona ezi zivakalisi uze wakhe **isalathandawo** ngala magama abiyelweyo.

9.1 Ndiya (isikolo) ngoMgqibelo.

9.2 Umongameli uza kuthetha (umabonakude) namhlanje.

9.3 Ndibone umfanekiso wakhe (incwadi). **[3]**

UMBUZO 10

Bhala kwakhona ezi zivakalisi uze ulungise igama elibiyelweyo ukuze ivakale intetho yakho.

10.1 Utitshala ufike abafundi (ngxola) eklasini.

10.2 Ndibone amadoda (ncokola) eholweni.

10.3 Umfundi ubhala (cima) kweli phepha leemviwo. **[3]**

UMBUZO 11

Bhala kwakhona ezi zivakalisi **kwingxelo-ntetho**.

11.1 Umphathi uthe, "Nina nifanelwe yiholide."

11.2 Usomashishini uthi, "Ndiyazithengisa ezi zitya."

11.3 UThemba wathi, "Kusekhaya apha." **[3]**

UMBUZO 12

Bhala kwakhona ezi zivakalisi zingezantsi uze usebenzise **isihlanganisi** esifanelekileyo.

Khetha kwezi:

xa, kuba, kodwa, hleze, ukuba

12.1 Usana lukasisi luyalila ... lulambile lufuna ukutya.

12.2 Khange afunde kulo nyaka ... bekungekho mali yokumsa esikolweni.

12.3 Ungandipha oko kutya kwakho ... uyathanda.

[3]

UMBUZO 13

Bhala kwakhona ezi zibizo zingezantsi zibe **kwisandiso**.

13.1 Ilizwe.

13.2 Ihlathi.

13.3 Umlenze.

[3]

30 amanqaku

Ewonke amanqaku: 100